Isalathiso: 20201007-8517
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/1/2
Imibuzo: P Swart

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0010/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beziThili, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zeZiko (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isihloko: Ukunqunyanyiswa kweenkonzo zothutho lwabafundi

1. Nge-30 Septemba 2020 i-*South African National Small Bus Operators Council – Western Cape (SANSBOC-WC*) ithathe isigqibo esicalanye sokunqunyanyiswa kweenkonzo zothutho lwabafundi ngokukhawuleza ukususela nge-01 Oktobha 2020 kude kubuye kwaziswe, ikuxhasa oko ngokuthi "ukubonelela ngenkonzo yothutho lwabafundi ngokusekelwe kwiimeko zangoku akunakuqhubeka okoko ngenxa yobunzima obumalunga neemali zokuhlawulwa kweekhontraki/kwamalungu".

2. I-*SANSBOC-WC* ngenxa yoko ifake isicelo kwiNkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika (*High Court of South Africa*) nge-02 Oktobha 2020 sokufuna ukulithintela ngokusemthethweni iSebe i-*WCED* ekunikezeleni ngeekhontraki zethutyana ezintsha zokuthutha abafundi ukuya nokubuya esikolweni kwiSithili i-*Cape Winelands* lo gama kusagqityezelwa iziniki-maxabiso ezikhuphisanayo zethuba elide, zeenkonzo zothutho ezivulelekileyo kwiSithili, njengoko zipapashiwe ngoMatshi 2020.

3. Okubalulekileyo kulo mba wembambano malunga nokuqaliswa okusemthethweni kwenkqubo elandelwayo yokuthengwa kweempahla neenkonzo engxamisekileyo ukufumana iikhontraki zothutho, kukuthotyelwa komthetho okuyimbophelelo kwiSebe i-*WCED*. Imbono yethu kukuba iSebe lithatha inyathelo elisemthethweni ngokwemigqaliselo enxulumene neenkqubo-sikhokelo zolawulo olusemthethweni ezilawula inkqubo elandelwayo yokuthengwa kweempahla neenkonzo. Ayichanekanga yaye ingenabo nobungqina imbono evela kwamanye amaqela yokuba oku sisiphumo sokungahlawulwa kweenkonzo.

4. Malunga nokunqunyanyiswa kweenkonzo ngokukhawuleza, iSebe i-*WCED* belinikwe ixesha elincinci kakhulu lokuphendula malunga nomhla osikiweyo wokugqibela

ongekho ngqiqweni okhutshwe yi-*SANSBOC-WC,* ukuba liwuthathele ingqalelo yaye lijongane nezikhalazo ezifunyenweyo. I-*SANSBOC-WC* emva koko, ibhalele ngqo kwiinqununu zezikolo izazisa ngesigqibo sayo sokunqunyanyiswa kweenkonzo zothutho lwabafundi. Ayizizo zonke izithili okanye iindlela ezichaphazelekileyo. Nokuba kunjalo, siyazazi kakuhle iziphumo zale meko kwizikolo zethu ezininzi nakubafundi bazo abaxhomekeke kwezi nkonzo.

5. Njengoko lo mba wembambano unxulumene neendlela ezise-*Cape Winelands* kuphela, akukho sizathu sokuba ezinye iindlela zingasetyenziswa. Sizama ukuwusombulula lo mba kamsinya kangangoko kodwa kukwakho nokuthintelwa kwamanyathelo omthetho okusombulula le mbambano achazwe yi-*SANSBOC*. Lo mba uya kuchotshelwa yiNkundla ePhakamileyo ngoLwesithathu, 07 Oktobha 2020. Siya kusazisa isiphumo kamsinya yakufunyanwa inkcazelo.

6. ISebe i-*WCED* belingakuthanda ukuwusombulula lo mba ngezinye iindlela. Kusekwe iqela elijongene nalo mba , elenziwe ngamagosa asuka kwiSebe i-*WCED* nabameli abasuka kwi-*SANSBOC-WC* ne-*SABOA*, ngokuyimpumelelo kulo nyaka, ukwenzela usebenzisana nokufumana izisombululo zeengxaki zokusebenza ezivele ngethuba lokumiswa ngxi kweentshukumo zikazwelonke. Eli qela alikwazi ukudibana ngeli lixa kusalindeleke ukuthathwa kwamanyathelo eenkqubo zomthetho yinkundla.

7. Ukhuseleko lwabafundi bethu, abasele bephulukene nenxenye enkulu yexesha lonyaka wesikolo, nokuba ukunqunyanyiswa kweenkonzo zothutho okube neziphumo ezinempembelelo embi kwimfundo yabo, zizinto ezingundoqo ezibangela inkxalabo kuthi.

8. Siyakuthakazelela ukuba oku kungenzekanga ngelona xesha lakha lalibi, xa kujongwa ixesha lonyaka ebesikulo, nanjengoko izikolo noluntu lwasekuhlaleni luvela kubunzima obahlukahlukeneyo obuziziphumo zikabhubhane. Niyabulelwa ngokuba nikuqonda oku nangomonde eninawo ngeli xesha.

9. ISebe linethemba lokuba inkundla ngoku iza kuwuqwasela lo mba ngokukhawuleza ukwenzela ukuba abafundi bethu benzelwe iinkonzo ezibalungiselela ngeyona ndlela ibhetele.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-07